



## **EMSEBENZINI NOTHIXO**

---

Izikhokelo ezili-10 ezisuka  
eBhayibhileni malunga  
nomsebenzi wethu

# Intshayelelo

IBhayibhile yayibhalwe mandulo kodwa isathetha ngokucacileyo ngemiba emininzi esasichaphazelayo nanamhlanje oku, kubandakanywa nemiba yasemsebenzini. Ithetha nabaqeshi kunye nabasebenzi ngokufanayo, abo balawulayo kunye nabo basebenza kumanqanaba asezantsi. Ithetha nabangaphangeliyo kunye nomsebenzi osebenza ngokuzinikela.

Xa ufunda le ncwadana, uya kothuka ukufumanisa ukuba iivesi eziseBhayibhileni zisahambelana nezinto ezenzekayo namhlanje. Zifunde, zisebenzise emsebenzini, uya kufumanisa ukuba uya kuwonwabela umsebenzi wakho kunye neentsikelelo zikaThixo kubomi bakho.

## Ingaba iBhayibhile isixelela ntoni ngomsebenzi?

EBhayibhileni, umsebenzi wawubonwa njengentsikelelo kwasekuqaleni. Sifundile kwiZiqalo ukuba uThixo wawonwabela umsebenzi wakhe wokudala nokugcina ihlabathi. Kumanqanaba onke endalo, sifunda ukuba:

*Wakholwa ke yiloo nto uThixo.*

\_\_\_\_\_ EYEZIQALO 1:10b,12b,18b,21b

## Ukusebenza kwindalo kaThixo

Akuba uThixo edale amadoda namakhosikazi, wawasikelela wabanika umsebenzi wokongamela konke akudalileyo. Wayefuna ukuba basebenze ngokuzithoba nangentsikelelo yakhe. Ngaphezu koko, bachazelwa ngokucacileyo ukuba yintoni na umsebenzi wabo.

*Wamdala ke uThixo umntu. Wamenza wangumfuziselo wakhe. Wadala umntu oyindoda kwakunye nomntu obhinqileyo. Wabathamsangelisa uThixo wathi: "Yandani, inzala yenu ilizalise ilizwe, nilongamele. Ndininika igunya phezu kweentlanzi, iintaka, nazo zonke izilo elizweni."*

\_\_\_\_\_ EYEZIQALO 1:27-28

*Umntu wabekwa nguNdikhoyo uThixo emyezwani waseldeni ukuze awulime, awulondolozwe. UThixo wathi kuye: "Ungatya nakuwuphi na umthi osemyezweni; kodwa uze ungatyi kumthi wokucalula okubi nokuhle. Mhla watya kuwo ngenene uya kufa."*

\_\_\_\_\_ EYEZIQALO 2:15-17

Kambe ke, yakuba indoda nenkosikazi yokuqala bengathobelanga uThixo, umsebenzi waba sisibetho. UThixo waxelela uAdam noEfa ukuba kuza kufuneka basebenze ubomi babo bonke ukuze bakwazi ukuziphilisa.

*Uthe endodeni uThixo:*

*"Wena uve umkakho, watya kumthi ebendithe kuwe uze ungatyi kuwo. Ngenxa yento oyenzileyo ke uqalekisiwe ngoku umhlaba. Uya kusebenza nzima bonke ubomi bakho, ukuze umhlaba uvelise ukutya. Kohluma ukhula nenkunzane. Uya kufa yindlala, utye umfino. Uya kutya ukubila kwakho ude ubuyele kwakuloo mhlaba wawuthathwe kuwo. Wenziwa ngomhlaba; ke uya kubuya ube ngumhlaba."*

\_\_\_\_\_ EYEZIQALO 3:17-19

Kodwa umntu uyawonwabela umsebenzi njengesipho esivela kuThixo:

*Ayikho enye into angayenzayo umntu ngaphandle kokuba atye asele, ahlale anelisekile kukubulaleka kwakhe. Phofu ke naleyo ndafumanisa ukuba iphuma kwasesandleni sikaThixo, kuba kaloku ngaphandle kwakhe akukho mntu ungatyo okanye onwabe.*

\_\_\_\_\_ AMAVA ENGQONDI 2:24-25

*Ewe, umntu xa ephiwe ubutyebi nezinye izinto eziphathekayo, aze futhi uThixo amnike inyhweba yokuzixhamla ezo zinto, kufuneka akuxhamle enombulelo ukubulaleka kwakhe – kaloku eso sisipho esivela kuThixo. Ngenxa yolo lonwabo aluphiwe nguThixo, umntu utsho angabi sazikhathaza ngobungakanani bobomi bakhe.*

\_\_\_\_\_ AMAVA ENGQONDI 5:19-20

*"Kwelo lizwe niya kutya nihiluthe, nibulele nidomboze kuNdikhoyo uThixo wenu ngenxa yelo lizwe lihle kunene aniphe lona."*

\_\_\_\_\_ UHLAZIYO-MNQOPHISO 8:10

*"Ke ngoko kuqala zondelelani ukulawulwa nguThixo, nenze ubulungisa obufunwa nguye, waye ke yena eya kunongezelela zonke ezi zinto."*

\_\_\_\_\_ UMATEWU 6:33

**Nazi izikhokelo ezilishumi eziza kukunceda ukwenza umsebenzi wakho ngendlela ekholisa uThixo neqinisekisa ukuba ufumana iintsikelelo zakhe:**

# 1 Ngqiyama ngoThixo

Simana sisiva intetho ethi, amadoda okanye amakhosikazi “akwazi ukuzenzela ngokwawo” xa kuchazwa abantu abazingca ngeetalente zabo nezinto abakwazi ukuzenza emisebenzini. IBhayibhile isifundisa ukuba akukho nto sinokuyiphumeza ngaphandle koncedo lukaThixo. Siyalunyukiswa ukuba singenzi izicwangciso ngokungathi yonke into into eza kuqhubeka ilawulwa sithi yaye singaqhayisi, sithi, yonke into siyiphumeze ngokwethu.

*“Nisenokuthetha nithi: ‘Obu butyebi sibufumene ngamandla nangobuchule bethu.’ Ngokutsho noba nilibele ukuba nguNdikhoyo uThixo wenu onithe jize ngobutyebi. Le nto ke uyenza kuba ezinzisa umnqophiso awawenzayo nooyihlo-mkhulu ngesifungo.”*

UHLAZIYO-MNQOPHISO 8:17-18

*Makhe ndibhekise kuni nina bathi: “Namhlanje okanye ngomso siya kuya kwidolophu ethile, sifike sihlale unyaka wonke, sirhwebe sizuze imali eninzi.” Nithetha nje ningayazi into eniza kuba yiyo ngomso. Nifana nje nomfa-nkungu othi uvele umzuzwana nje uphinde uphele. Xa nithetha yithini: “INKosi ivuma, siya kwenza le naleya.” Kodwa ke endaweni yokwenjenjalo nisuka nibe nekratshi, niqhayise; ibe ke ukuqhayisa yinto egwenxa. Phofu ke yena umntu ongayenziyo imfanelo yakhe nakuba eyazi, unetyala.*

EKAYAKOBI 4:13-17

*Kunikele kuNdikhoyo konke okwenzayo, yaye ke yena uya kuziphumelelisa izicwangciso zakho.*

IZAFOBE 16:3

# 2 Sebenza nzima

IBhayibhile ifundisa ukuba abo basebenza nzima balumkile yaye bavuna iziqhamo ngeli lixa aba bonqenayo bezizidenge yaye abanankqubela. Kubalulekile ukubonelela izidingo zethu zemihla ngemihla ngokuthi senze umsebenzi wosuku ngokuthembekileyo.

*Yiya embovaneni, vilandini;  
qwalasela indlela eziphethe ngayo, nawe ulumke.  
Kaloku yona ayinankosi,  
ingenamlawuli nankokheli,  
kodwa nakuba injalo iyaxakeka ehlotyeni iqokelela  
umphako,  
izilungiselela ukutya ngexesha lokuvuna.  
Kodwa kodwa, vilandini, koda kube nini uthe tywa  
kuloo mandlalo?  
Uya kuvuka nini kobo buthongo bakho?*

IZAFOBE 6:6-9

*Oku kocango oluvula luvaleke kwiihenjisi  
oluxhonywe kuzo  
linjalo ivila ukuqika-qikeka emandlalweni walo.*

*Ivila liyakha esityeni,  
kodwa linqene ukufaka emlonyeni.*

IZAFOBE 26:14-15

*Abantu bethu bona mabafunde ukuzisebenzela  
iintswelo zabo, bangavilaphi nje bengenamveliso.*

KUTITO 3:14

*Ndiyaniyala, mawethu, ngegunya legama leNkosi  
uYesu Krestu, ukuba nizikhwebule nakubani othi  
ulikhholwa abe engenwe ngumkhwa wokungakhathali,  
nakulowo uyidelayo imfundiso yethu. Nazi mhlophe  
ukuba nina nimelwe kukuhamba ekhondweni lam.  
Mna bendingavilaphi phakathi kwenu. Bendingenanto  
ndiyifumana nje mahala, ndingayisebenzelanga.  
Bendisebenza nzima ubusuku nemini, endaweni yokuba  
ndibe ngumthwalo kuni. Ewe, bendinalo ilungelo  
lokuyifumana kuni inkxaso, koko ndithande ukuninika  
umzekelo. Kaloku ndandithe kuni: “Umntu olinqenerha  
makangaphiwa kutya.”*

*Le ntetho ndiyenziswa kukuba ndive ukuba abanye  
kuni bahlala ngokungakhathali. Akukho nto bayenzayo  
ngaphandle nje kokuzifaka kwimicimbi yabanye abantu.  
Bonke ke abo ndibayala egameni leNkosi uYesu Krestu,  
ndisithi mabaziphathe kakuhle, basebenze, bazixhase.*

*Nina ke kodwa, zihlobo zam, maze ningadinwa  
kukwenza okulungileyo.*

2 KWABASETESALONIKA 3:6-13

*Umntu ongazikhathaleleyo izizalwane zakhe, ingakumbi  
ezihlala naye, selelulahlile ukhohlo, ungcole ngaphezu  
kwabangakhohlo.*

1 KUTIMOTI 5:8

# 3 Nyaniseka

IBhayibhile inento eyithethayo ngeengxaki ezininzi esidibana nazo emsebenzini kule mihla.

## Ukweba (ubusela) nokuphosisa

Ubusela yingxaki emandla kumashishini kwezi ntsuku, nokuba uthatha izinto ezincinci uza kuzisebenzisela wena, okanye ukweba kwinkampani ngokuthatha iimali ezinkulu. Kufuneka sizukise uThixo ngokunyaniseka ngokupheleleyo kuyo yonke into esiyenzayo nesiyithethayo emsebenzini. Izwi likaThixo kwiMithetho eLishumi ukuya kwiTestamente eNtsha liyasilumkisa ngokucacileyo ukuba masingebi.

*“Musa ukûba.”*

\_\_\_\_\_ EYEMFUDUKO 20:15; UHLAZIYO-MNQOPHISO 5:19

*“Ze ningebi, okanye nenze amaqhinga, okanye nixoke.”*

\_\_\_\_\_ EYONQULO 19:11

*“Kaloku ziphuma entliziyweni iingcamango ezimbi. Kusentliziyweni apho kuphuma khona ukubulala, ukukrexeza, ubuhenyu, ubusela, ukungqina ubuxoki, nokunyelisa. Zezi zinto ezimenza angcole umntu.”*

\_\_\_\_\_ UMATEWU 15:19-20a

*Saza sathi kum: “Esi sisiqalekiso esijinga phezu kwawo wonke umhlaba. Kwelinye icala kubhalwe kwathiwa wonke umntu olisela uza kugxothwa angabikho. Kanti ke kwelinye kuthiwa wonke umntu ofunga exoka uza kugxothwa angabikho. UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ndiza kusikhupha esi siqalekiso size singene emzini walowo ulisela, nakuwo umzi walowo ufunga igama lam exoka. Siya kuhlala apho emzini wakhe, siwutshabalalise kunye nezinti zawo namatye awo.’ ”*

\_\_\_\_\_ UZAKARIYA 5:3-4

*UNdikhoyo onamandla onke uthi: “Ndiya kufika ndize kunigweba. Ngoko nangoko ndiya kubabek’ ityala bonke abenza imilingo, abakrexezayo, abangqina ubuxoki, nabaqeshi abaqhatha abaqeshwa ngemivuzo yabo, nabo baxhaphaza abahlolokazi neenkedama nabangeneleli, nabo bonke abangandihloneliyo.”*

\_\_\_\_\_ UMALAKI 3:5

*Umntu obekade elisela makahlukane nokuba. Ndaweni yaloo nto makasebenze enyanisekile, azixhase, abe nako nokunceda abahlelekileyo.*

\_\_\_\_\_ KWABASE-EFESE 4:28

*Izicaka zifundise ukuthobela abaphathi, zibakholise kwinto yonke. Mazingaphendulani nabo, zingebi nokuba. Koko mazingalokazi zinyanisekile, zibonakalisa*

*intembeko, ukuze inconywe imfundiso engoThixo nangoMsindisi ngenxa yokuziphatha kwazo.*

\_\_\_\_\_ KUTITO 2:9-10

## Ukunyoba nobuqhophololo

Ukunyoba nobuqhophololo buninzi emsebenzini. IBhayibhile isifundisa ukuba ukunyoba akulunganga yaye kuya kukhokelela ekuweni kwakho.

Abantu abaninzi bakholelwa ukuba:

*Ukunyoba kufana nomlingo kulowo ukwenzayo; uba kuza kumphumelelisa naphi na apho aya khona.*

\_\_\_\_\_ IZAFOBE 17:8

Kodwa:

*Umntu onyolukileyo uyihlisela inkathazo indlu yakhe; ke yena okuthiyileyo ukunyotywa uya kudla ubomi.*

\_\_\_\_\_ IZAFOBE 15:27

*Ofunga angajiki noba kunyembelekile. Ngongabolekisi ngemali yakhe, ngenxa yokuba efuna inzala; ngongekhe anyotywe ngokuthengisa umnt' ongenatyala.*

*Lowo ke wenjenjalo ngumnt' ozinzileyo.*

\_\_\_\_\_ INDUMISO 15:4b-5

*Ukujonga ubuso akulunganga; kodwa ke abanye abantu bangade bone nangenxa yeqhekeza eli lesonka.*

*Umntu oligqolo usukelana nobutyebi; akaqondi ukuba usenokufikelwa bubuhlwempu.*

\_\_\_\_\_ IZAFOBE 28:21-22

*Isilumko esiphantsi kwezoyikiso silahlekelwa ziingqondo; umntu onyotywayo wonakala ingqiqo.*

\_\_\_\_\_ AMAVA ENGQONDI 7:7

## Umgunyathi nobuqhethseba

Amaxesha amaninzi siva ngabantu ababize imali ngeenkonzo okanye iimpahla abangazihambisanga.

Ngamaxesha eBhayibhile kwakusetyenziswa isikali nemilinganiselo ukugqiba ngexabiso leempahla.

Le nto yanyanzelisa ukuba kufunwe imilinganiselo yokwenyani kunye norhwebo olunentembeko. Kodwa siva kaninzi ngamashishini abiza imali ngeempahla ezingahanjiswanga okanye amaxabiso angathembakalanga abizwa kubantu abahluphekileyo.

*“Xa usebenzisa isilinganiso sukwenza buqhophololo mayela nobunzima nobungakanani. Izilinganiso zakho mazibe zezizizo ngalo lonke ixesha. Sisebenzise ngokunyaniseka isilinganiso, khon' ukuze uhlale ithuba elide kwelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho. Kaloku banezotho kuNdikhoyo abantu abanobuqhophololo.”*

UHLAZIYO-MNQOPHISO 25:13-16

*UNdikhoyo umthiyile umntu osebenzisa isilinganiso esinegobe; kambe ke uyamthanda lowo usebenzisa isilinganiso esingenaxanasi.*

IZAFOBE 11:1

*Okuzuzwa ngumntu okhohlakeleyo ngenkohliso kuyaphela, phofu ke ohlala esenza okulungileyo ufumana umvuzo oqinisekileyo.*

*Ubulungisa obububo busingisa ebomini; ke yena oleqa ububi usingisa ekufeni.*

IZAFOBE 11:18-19

*“Ze ningaqhathi bani ngokusebenzisa imilinganiselo engeyiyo, nditsho eyobude nobunzima neyesixa. Sebenzisani imilinganiselo engenankqatho, nokuba yeyobude, nokuba yeyobunzima, nokuba yeyenani. Nditsho mna Ndikhoyo Thixo endanikhuphayo eJiputa. Yithobeleni yonke imimiselo yam nemithetho yam; kaloku ndinguNdikhoyo.”*

EYONQULO 19:35-37

*Phulaphulani, nina niwacinezelayo amahlwempu, nizama ukuzicim' igama iindwayi. Nina nithi: “Yaz'ba iya kuphela nini le misitho yentwasa-nyanga, side size kuthengisa isivuno sethu? Iya kuda idlule nini yona le mihla yokuphumla, khon' ukuze sananise ngengqolowa?” Ibe kanti umlinganiselo niza kuwucutha, ixabiso lona nilinyuse, nenze ubuqhetseba ngezikali ezinganyanisekanga. Amahlwempu niza kuwathenga ngesiliva, abasweleyo nibafumane nokuba kungeembadada, nithengise nkqu nangomdlungu wengqolowa.*

*UNdikhoyo, iqhayiya likaYakobi, ufunge esithi: “Ndikhonje, andisobe ndizilibale nanini na izenzo zabo!”*

UAMOS 8:4-7

*UNdikhoyo ubhekisa ilizwi lakhe esixekweni. Bubulumko ukuthobela igama lakhe. Yigqaleni intonga yakhe nalowo wayimiselayo. “Soze ndibulibale, ndlundini yenkohlakalo, ubutyebi obuzuze ngobuqhophololo. Ziqalekisiwe izilinganiso zakho zobuqhetseba. Andimxoleli umntu osikali sinexanasi, osebenzisa amatye okuveyisha anenkohliso. Izinhanha zakho zizibhoja, kanti abantu bakho bayaxoka, batsho ngolwimi olukhohlisayo. Ngoko ke ndiqalile ukukutshabalalisa; ndokutshitshisa ngenxa yezono zakho. Uya kuba ngatya, unganeliseki; isisu sakho sosala sithe nca. Uya kuba ngabeka, kungagcinakali nto; oovimba bakho bochithwa yimfazwe.”*

UMIKA 6:9-14

## 4 Yanela

Eminye imigibe onokungena lula kuyo kukuzithelekisa nabo bangcono kunawe. Ngenxa yoko, awaneli yaye usoloko ufuna okungaphezulu. Kuya kuthi kugekudala ube sowubotshelelwe kukunyoluka de kungabikho nto ikwanelisayo. IBhayibhile iyasilumkisa ngomona:

*“Musa ukunqwenela umzi womnye umntu, nokuba ngumfazi wakhe, nokuba sisicaka sakhe okanye isicakakazi sakhe, nokuba yinkomo yakhe, nokuba yidonki yakhe, okanye nantoni na eyeyomnye umntu.”*

\_\_\_\_\_ EYEMFUDUKO 20:17

*Awu, Bawo, zimbini nje qha izinto endizicelayo kuwe; ewe, ndiphe zona ndingekafi! Ndikhwabule kubuqhetseba nokuxoka; mandingade ndibe sisityebi okanye ndihlwempuzeke, nto nje ndiqhekezele isonka sam semihla ngemihla, hleze ndikukhanyele ndakuhlutha, ndisuke ndithi: “Kuxa engubani yena uNdikhoyo?” Ukanti ke naxa ndihlwempuzekile ndingasuka ndibe, ndihlazi igama likaThixo wam.*

\_\_\_\_\_ IZAFOBE 30:7-9

*Benza ngathi unqulo yindlela yokuzuzubutyebi.*

*Ewe kambe, unqulo luyamtyebisa umntu ukuba uyaneliswa zezo zinto anazo. Kaloku zange size nanto ehlabathini; ngoko ke siya kumka singaphathanga nto. Kambe ke, ukuba sinako ukutya nempahla yokunxiba masaneliswe. Abo baxhinele ubutyebi beyela kwizilingo nemigibe, bathi bexinwe yiminqweno yobudenge eyingozi, batshone ebundlavinini nasekutshabalaleni. Ukuthanda imali yingcambu yazo zonke iintlobo zobubi. Abanye bathe ngokusukelana nayo bahola elukholweni, baza bayingxwelerha imiphefumlo yabo ngeenzingo.*

\_\_\_\_\_ 1 KUTIMOTI 6:5b-10

*Kaloku zonke izinto zeli hlabathi – iinkanuko zesimo esonakeleyo, ukubawa, namagugu obu bomi – aziveli kuThixo, koko zizinto zeli hlabathi. Ihlabathi nazo zonke izinto ezinqwenelwa ngabantu zezomzuzwana, ziyadlula, kodwa yena owenza ukuthanda kukaThixo uya kuhlala ehleli.*

\_\_\_\_\_ 1 KAYOHANE 2:16-17

*Musani ukuba ngamathandamali. Yanelani yinto eninayo. Kaloku uThixo uthi: “Andiyi kukuyekela; ndingayi kukufulathela.” Masitsho singenadyudyu ke sithi:*

*“YiNkosi umncedi wam, andiyi koyika nto! Angandenza ntoni umntu?”*

\_\_\_\_\_ KUMAHEBHERE 13:5-6

*Kaloku mna ndafunda ukwanela nakuyiphi na imeko endikuyo.*

\_\_\_\_\_ KWABASEFILIPHI 4:11b

## 5 Khuthaza ubudlelwane obuhle

Yinto eyaziwa ngabantu abaninzi ukuba abasebenzi benkampani ngabona balulutho kuyo. Ngoko ke, ubudlelwane phakathi kwabasebenzi bubaluleke kakhulu ekudaleni iziko elizinzileyo nelingenisa inzuzo. Ugwayimbo emsebenzini nabasebenzi abangenamdladla badla uqoqosho lwelizwe izigidi-gidi zemali qho ngonyaka.

Ubudlelwane obuhle babasebenzi busekelwe ekuthembaneni nasekuhloniphaneni nangengqiqo yokuba abaqeshi nabasebenzi (umphathi nekhobhoka ngokwamaxesha aseBhayibhileni) baphantsi kwegunya likaThixo. UThixo ulindele ukuba abasebenzi bawugqibe umsebenzi wabo wosuku yaye bahlawulwe umvuzo ofanelekileyo.

*“Ungaze umqhathe ummelwane wakho okanye umenzele ubuqhophololo. Musa ukuwubamba umvuzo womntu omqeshileyo, nditsho nobusuku obunye obu.”*

\_\_\_\_\_ EYONQULO 19:13

*“Isicaka osiqeshileyo esisweleyo sukusiqhatha noba singumSirayeli okanye siyintlanga ehlala kwakwezo dolophu zenu. Yonke imihla ukutshona kwelanga mhlawule ngomsebenzi wakhe; kaloku loo mali uyayifuna, uqamele ngayo. Xa ungamhlawuli uya kukuxela kuNdikhoyo, uze ke wena ube netyala.”*

\_\_\_\_\_ UHLAZIYO-MNQOPHISO 24:14-15

*Nina zicaka, bathobeleni abaphathi benu balapha emhlabeni, ninentlonipho, niqhutywa kukunyaniseka, ngokungathi nikhonza uKrestu ngenkqu. Ningatshakazi nenze izinto ngenjongo yokuzithandekisa ebantwini, koko yenzani ukuthanda kukaThixo ngomxhelo wenu wonke, njengezicaka zikaKrestu. Umsebenzi wenu wenzeni ngemincili, ngokungathi niwenzela iNkosi, aniwenzeli mntu.*

*Ze nikhumbule ukuba umntu ngamnye uya kuvuzwa yiNkosi ngomsebenzi omhle, nokuba loo mntu sisicaka nokuba akasiso.*

*Nani baphathi yenzani kwangokunjalo ngokubhekiselele kwizicaka zenu. Yekani ukusoloko nizigrogrisa. Khumbulani ukuba nina kwakunye nezicaka zenu ningabeNkosi enye esezulwini, egweba wonke umntu ingenamkhethe.*

\_\_\_\_\_ KWABASE-EFESE 6:5-9

*Umntu owukhathaleleyo umthi womkhiwane uyawafumana amakhiwane, nomntu oyibusayo inkosi yakhe uya kuwongwa.*

\_\_\_\_\_ IZAFOBE 27:18

## 6 Zinike ixesha lokuphumla

Kwimo yomsebenzi yezi ntsuku enokhuphiswano oluninzi ungazibona usebenza nzima kakhulu, uhlale uleqeka emva komsebenzi ongapheliyo. Xa usenza njalo, uzivimba ukuphumla, de ube nesazela xa ungasebenzi.

Isingqi sokusebenza, umane uphumla, samiselwa nguThixo xa wayedala ihlabathi. Ngokuzivumela ukuba uphumle, uthathela ingqalelo into yokuba awulokhoboka lomsebenzi.

Abo bangasithatheli ngqalelo esi siseko, ábasoloko benemveliso ephezulu. UThixo wasibekela umzekelo emasiwulandele.

*Aba ke ngoko agqityiwe ukudalwa amazulu nehlabathi liphela. Ngomhla wesixhenxe uThixo wayeselekugqibile konke awayekwenza, waza ke waphumla. Wawuthamsangelisa umhla wesixhenxe, wawumisa wangumhla okhethekileyo, kuba ngaloo mhla wayeselegqibile ukudala.*

\_\_\_\_\_ EYEZIQALO 2:1-3

*“Sebenza iintsuku zibe nmandathu, kodwa ngolwesixhenxe ungawuphathi umsebenzi, ukuze izicaka nababhaceli ngokunjalo nemfuyo yakho ifumane ikhefu ihlaziyeke.”*

\_\_\_\_\_ EYEMFUDUKO 23:12

*“Iintsuku ezintandathu evekini zezokwenza wonke umsebenzi wenu. Kodwa ke ngosuku lwesixhenxe ze niphumle; nditsho nkqu nangamaxsha okulima nokuvuna.”*

\_\_\_\_\_ EYEMFUDUKO 34:21

*“Hlala uwukhumbula uMhla wokuPhumla, uwugcine ulusuku olulodwa lukaNdikhoyo. Sebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho. Ke wona umhla wesixhenxe lusuku lwam olulodwa lokuphumla. Ngoko ke makungabikho mntu usebenzayo ngalo mhla; nditsho nawe, umntwana wakho, nesicaka sakho, nemfuyo yakho, ngokunjalo nomngeneleli ohlala phakathi kwenu. Kaloku mna Ndikhoyo ndêza umhlaba, nesibhakabhaka, nolwandle, nako konke okulapho kwezo zinto, ngeentsuku ezintandathu, ndaza ke ndaphumla ngomhla wesixhenxe. Ngenxa yaloo nto ke lo mhla ndawukhetha ukuze ube lusuku olulodwa lokuphumla.”*

\_\_\_\_\_ EYEMFUDUKO 20:8-11

## 7 Khonza uThixo ngomvuzo wakho

Imali nezinto zethu esiye sizifumane zezethu ngenxa yofefe lukaThixo yaye ngenxa yoko zezakhe. KwiTestamente eNdala abantu bakaThixo babenyanzelekile ukuba babeke bucala isishumi somvuzo basibekela umsebenzi kaThixo. KwiTestamente eNtsha, siyacelwa ukuba sinikele ngokukhululekileyo, nangentliziyo egcobileyo.

*“Kufuneka nisibekele bucala isishumi – oko kukuthi isahlulo seshumi kuyo yonke imveliso yakho yamasimi minyaka le. Ngoko ke wosithatha isishumi eso, uye naso kulaa ndawo inyulwe nguNdikhoyo uThixo wakho ukuze lizinze khona igama lakhe, usityele khona phambi kwakhe – noba yingqolowa, iwayini entsha, amafutha omnquma, okanye amazibulo enkomo noba ngawegusha. Le nto ke noyenza khon' ukuze nifunde ukuhlala nimhlonela uNdikhoyo uThixo wenu.”*

\_\_\_\_\_ UHLAZIYO-MNQOPHISO 14:22-23

*“Mawoo, nina baFarasi! Ninikela kuThixo ngesishumi semifuno enjengetyeleba nenxina neminye, kanti niyabutyeshela ubulungisa nokumthanda uThixo. Benimelwe kakade kukuzenza ezi zinto, kodwa nezinye ningazityesheli.”*

\_\_\_\_\_ ULUKA 11:42

*UYesu waya kuhlala phantsi endlwini kaThixo malunga nesikhongozeli-mali, wasibukela isihlwele sifaka imali kwisikhongozeli apho. Izityebi ezininzi zazinikela kakhulu. Ke kwafika mhlolokazi uthile ulihlwempu, wafaka iimalana zambini, ezixabiso limalunga nesenti. UYesu wababizela kuye abafundi bakhe, wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, lo mhlolokazi ulihlwempu unikele ngaphezu kwabo bonke abafake imali kwisikhongozeli. Kuba bonke abanye banikele bekhupha kwintabalala yabo, kanti yena eswele nje, uzibhokoxile, wanikela konke abenako.”*

\_\_\_\_\_ UMARKO 12:41-44

*Nize nikhumbule ukuba ohlwayela kancinane uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu avune isivuno esikhulu. Elowo ke makanikele kangangoko agqibe ngako, engenasikrokro, engaziva enyanzelekile, kuba uThixo uthanda umntu opha ngobubele. Kaloku unako uThixo ukunipha nangaphezu kweemfuneko zenu, ukuze nisoloko nanele kwiimeko zonke, nibe nako ukuhlangabezana nayo yonke imisebenzi emihle, njengoko zitshoyo neziBhalo ukuthi:*

*“Uwapha ngesisa amahlwempu; ububele belungisa buhlala buhleli.”*

\_\_\_\_\_ 2 KWABASEKORINTE 9:6-9

## 8 Nceda abanye abantu

Ukulandela ubutyebi nokuba nezinto ezininzi akufanelanga ukuba kube yinjongo yethu ephambili. NgokweBhayibhile, uThixo uyasisikelela ukuze sikhathalele abo bangakwazi kuzikhathalela. UThixo usinike uxanduva lokukhathalela amahlwempu, abagulayo, iinkedama, abahlolokazi nabaphambukeli. Ukunceda abantu asiyonto yokwakha nje ubudlelwane noluntu. Ifanele ibonise inkonzo enyanisekileyo kuThixo.

*Masingaze siyeke ukwenzelana ububele, kuba leyo yeyona minikelo imkholisayo uThixo.*

KUMAHEBHERE 13:16

*“Ukuba ushiye isithungu sengqolowa entsimini xa uvunayo, sukuphinda usiphuthume; sesoba sesabangeneleli abahlala phakathi kwenu, neenkedama, nabahlolokazi, khon' ukuze uNdikhoyo uThixo wakho akuthamsanzele kuyo yonke into oyenzayo. Xa uvuna umnquma, sukubuya ukhwahlaze; lo useleyo woba ngowabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi. Ngokunjalo naxa uvuna idiliya sukukhwahlaza; leyo iseleyo yeyabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi. Masingaze iphume engqondweni yakho into yokuba nawe wawukhe walikhiboka eJiputa; yiyo loo nto ke mna ndikuyala ngolu hlobo nje.”*

UHLAZIYO-MNQOPHISO 24:19-22

*“Ukumkani ke uya kuthi kwabangasekunene: ‘Yizani, nina basikelelweyo nguBawo, nixhamle uyolo lolawulo enalulungiselelwayo kwasekusekweni kwehlabathi; kuba ndandilambile, nandipha ukutya; ndandinxaniwe, nandipha amanzi; ndandingowasemzini, nandamkela; ndandihamba ze, nandambathisa; ndandigula, nandihambela; ndandisentolongweni, nandivelela.’ ”*  
*“Omphendula ke amalungisa esithi: ‘Nkosi, ngaba sakubona nini na ulambile, sakupha ukutya; unxaniwe, sakunika amanzi? Ngaba sakubona nini na ungowasemzini, sakwamkela; uhamba ze, sakwambathisa? Ngaba sakubona nini na ugula, okanye usentolongweni, sakuhambela?’ Wophendula ukumkani athi kuwo: ‘Ndithi kuni, inene, ekubeni nithe nenjenjalo nakomnye kula mawethu angawona agqusha eluthulini, nithe nenjenjalo nakum.’ ”*

UMATEWU 25:34-40

*Inkolo enyanisekileyo nengenachaphaza kuThixo uBawo yile: kukubonelela iinkedama nabahlolokazi abahluphekileyo, nokuphepha ukudyojwa lihlabathi.*

EKAYAKOBI 1:27

*Umntu opha ohlelelekileyo ufana noboleka uNdikhoyo; uNdikhoyo uya kumbuyisela.*

IZAFOBE 19:17

*Umntu ongaphulaphuliyo xa amahlwempu ezibika naye akayi kuhoywa xa esengxakini.*

IZAFOBE 21:13

*Inkq yothando siyibona kule nto yokuba uKrestu anikele ubomi bakhe ngenxa yethu. Ngokunjalo ke nathi sifanele ukuba sibunikele ubomi bethu ngenxa yamawethu. Ukuba umntu omi kakuhle ngezinto zobu bomi ubona uwabo eswele, aze amvimbe into engamncedayo, angatsho njani loo mntu ukuba unalo uthando lukaThixo entliziyweni yakhe?*

1 KAYOHANE 3:16-17

## 9 Hlawula iirhafu zakho

IBhayibhile iwubeka ucace gca umba wokuhlawulwa kwirhafu. Kuba amaJuda ayephantsi kolawulo lwamaRoma, umba werhafu kwiTestamente eNtsha yayingumba onochuku wezopolitiko. Kambe ke, nakule imeko ilungelo lorhulumente lokuhlawulisa irhafu liyachazwa nguKrestu ngeli lixa esikhumbuza ukuba ngaxeshanye nathi sinoxanduva kuThixo.

*Bamcupha ke, bathumela iintlola ezizenza amalungisa, ukuze bambambise ngamazwi, ze ke bamnikele kwirhuluneli, yona iphethayo inawo onke amagunya. Iintlola ezi zambuza uYesu zisithi: “Mfundisi, siyazi ukuba wena uthetha ufundise okuyinyaniso, kuba akunamkhethe, koko uyifundisa ngenyaniso indlela kaThixo. Ngaba ke kuvumelekile na ukurhafa kuKhesare?”*

*Eliqondile iyelenqe lazo, wathi kuzo: “Ndiboniseni imali. Ke, ngokabani na lo mfanekiso neli gama?”*

*Zaphendula zathi: “NgokaKhesare.”*

*Wathi yena kuzo: “Ke, nikani uKhesare okufanele uKhesare, ninike uThixo okufanele uThixo.”*

ULUKA 20:20-25

*Nirhafa nje kaloku, kungenxa yokuba abasemagunyeni bangamagosa kaThixo, ngakumbi xa besenza umsebenzi wabo. Ngoko ke bonke banikeni okubafaneleyo – irhafu kofanelwe yirhafu, umrhumo kofanelwe ngumrhumo, ukuhlonitshwa kofanelwe kukuhlonitshwa, imbeko kofanelwe yimbeko.*

KWABASEROMA 13:6-7



# 10 Sebenzela ubutyebi bokwenyani

Abantu abaninzi bacinga into yokuba, ukuqokelela ubutyebi nokuba sisinhanha yeyona njongo iphambili yobomi babo. Kambe ke, iBhayibhile isifundisa okokuba, obo butyebi bobexesha elifutshane. Ingozi yokuthanda izinto eziphathekayo kukuba zingalawula impilo yethu ukuba asilumkanga. Asinakukhonza iinkosi ezimbini, uThixo nobutyebi. Masisebenze ngale ndlela uThixo afuna sisebenze ngayo ze sifumane ubutyebi bokwenene banaphakade. IBhayibhile ithi xa iyibiza le nto kukugcina ubutyebi basezulwini. Ukuba sibeka uThixo phambili kuyo yonke into esiyenzayo, uya kusihoyela izidingo zethu zemihla ngemihla.

*“Akukho mntu unokukhonza iinkosi ezimbini, kuba uya kuyithiya le, ayithande leya, okanye abambelele kule, ayidele leya. Aninako ukukhonza uThixo kwanobutyebi.”*

UMATEWU 6:24

*“Ze ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apho konakalisa inundu nomhlwa, nalapho amasela aqhekezayo ebe. Koko ziqwebeleni ubutyebi ezulwini, apho kungonakalisi nundu namhlwa, nalapho amasela angaqhekeziyo ebe. Kaloku apho bukhoyo ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu.”*

UMATEWU 6:19-21

*“Musani ke ukuxhala, nisithi: ‘Sodla ntoni na; sosela ntoni na; sonxiba ntoni na?’ Zezi zinto kanye abahlala besukelana nazo abangakholwayo beentlanga. Ke yena uYihlo osezulwini uyazi ukuba ezo zinto zonke ziyimfuneko kuni. Ke ngoko kuqala zondelelani ukulawulwa nguThixo, nenze ubulungisa obufunwa nguye, waye ke yena eya kunongezelela zonke ezi zinto.”*

UMATEWU 6:31-33

*Unenyhweba kambe umntu obufumeneyo ubulumko; nditsho lowo ukuzuzileyo ukuqonda. Kaloku bona ubulumko yingeniso engaphezu kwayo nesiliva; nditsho negolide ayithathi nto kubo. Ewe, bungaphezulu lee nakumatye axabisekileyo. Kuzo zonke izinto onokuzinqwenela ayikho edlula ubulumko.*

IZAFUBE 3:13-15

*Bayale abantu abanobutyebi beli hlabathi bangaziphakamisi baqamele ngento engaqinisekanga njengemali, koko mabathembele kuThixo, kuba yena unezinwe, unako ukusenza sixhamle zonke izinto sonwabile. Bakhuthaze benze imisebenzi emihle, babe zizininhanha ngemisebenzi elungileyo, babe nezinwe, babaphe abasweleyo. Ukuba benjenje ke boba*

*bazigcinela indyebo eya kuba sisiseko sekamva labo. Ngokwenjenjalo bobuzuza ubomi bokwenyani.*

1 KUTIMOTI 6:17-19

*Ziphoseni kuye zonke iingxaki zenu; kaloku nguye onalusayo.*

1 KAPETROS 5:7

*Sanukuba naxhala; kodwa iintswelo zenu ziseni kuThixo ngomthandazo, nimbongoze ninombulelo. Ke lona uxolo lukaThixo olungaphaya kokuqonda luya kuzalusa iintliziyo neengcinga zenu ningahlukani noKrestu. Mandiphethe ngelithi, mawethu, hlalani nicinga ngezinto eziyinyaniso nezindilekileyo nazo zonke izinto ezilungileyo nezinyulu, zonke ezithandekayo nezinesidima, nangezinto ezintle ngokupheleleyo kwanezincomekayo. Zenzeni zonke izinto enazivayo nezo nazibonela kum, amazwi kwanezenzo. Ke uThixo onika uxolo uya kuba nani.*

KWABASEFILIPI 4:6-9

# Izikhokelo zomsebenzi wethu wemihla ngemihla

EBhayibhileni sifumana izikhokelo zokuphila ngesidima, ngolu hlobo uThixo anga singaphila ngalo. Siyaxelelwa ngendlela esinokuthi sifumane ngazo iintsikelelo zikaThixo kuwo onke amabakala obomi bethu.

Le ncwadana yezicatshulwa zeZibhalo ibonelela ngezikhokelo ezilishumi ezisinceda ukuba senze umsebenzi wethu wemihla ngemihla ngendlela emkholisayo uThixo neqinisekisa iintsikelelo zakhe:

1. *Ngqiyama ngoThixo*
2. *Sebenza nzima*
3. *Nyaniseka*
4. *Yanela*
5. *Khuthaza ubudlelwane obuhle*
6. *Zinike ixesha lokuphumla*
7. *Khonza uThixo ngomvuzo wakho*
8. *Nceda abanye abantu*
9. *Hlawula iirhafu zakho*
10. *Sebenzela ubutyebi bokwenyani*

Wanga uThixo angakusikelela ngeli lixa usamthobelayo kuso nasiphi isikhundla okuso emsebenzini. Njengabakhonzi abanyanisekileyo abakulo mzekeliso, unga nawe ungafumana ubuncwane bokuva amazwi eNkosi athi:

*“Yaza yathi kuso inkosi yaso: ‘Ngxatsho ke, sicaka sam esilungileyo, esithembekileyo! Ubuthembekile kwizinto ezimbalwa; ndiya kukuphathisa izinto ezininzi. Ngena uchwayite kunye nenkosi yakho.’ ”*

UMATEWU 25:21

# Isibhambathiso sam

Mna .....  
ndibulela uThixo kuba ndinenyheba yokuba nomsebenzi.

Ndifuna ukwenza umsebenzi wam ngendlela emvuyisayo uThixo neqinisekisa ukuba ndifumana intsikelelo yakhe.

Ngoncedo lukaThixo ndiyazibophelela ngoko ke, ukulandela ezi zikhokelo zili-10 ezisuka eBhayibhileni, ezichazwe kule ncwadana.

Isayiniwe: .....

Umhla: .....



Ipapashwe yasasazwa liqumrhu  
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.  
[www.biblesociety.co.za](http://www.biblesociety.co.za)

 BibleSA.co.za  
**BibleSA** Bibles and audio Bibles are available on the **BibleSA app**.